To: The NCOP

Re: Traditional Courts Bill

From: **Vulamasango Singene Mnquma District**
(where there are elected organisation representatives in 130 villages)

Care of: Thobeka Mayekiso (Ph: 0724312197)
Tyekana AA
eMantonzeleni
Ngqamakwe

Date: 15 February 2012

**Amalungelo omama ezilalini phantsi kolawulo lwenkosi**

Nanjengoko umthetho wapasiswayo ePalamente usithi makulinganwe (50/50) kodwa thina asikalifumani ncam elo lungelo ingakumbi apha ezilalininajengoko siphantsi kolawulo lwenkosi

**Yinto ebangela sith thina singomama asikaththi nxaxheba**

1.Ebhungeni

Xa ujonga iinkosi ezisimelaye phaya komasikala ufumanisa kungekho namnye umama.

2.Ezinqileni

Xa ujonga ufika ingotata abaninzi okanye ufike kungekho nomnye umama ngaphandle komabhalana.kethina e Ngqamakhwe bakhona oomama abane nabo bangena ngokuthi kubhubhe amadoda bao ze babambele bantwana babo. Xa ujongile ithi lento xa umntwana emdala uzakuyithatha ayokongenza kwanye ootata. Lilonke oomama abasimilanga phaya.

Ithi le Bill oomama mabamelwe kumatyala achaphazela bona. Oku kuku qinisa ucinenzelo kwisini esingumama, akanelungelo lokuzithethela( freedom of speech). Oku akukho tu emthethweni, kuba unelungelo lokumelwa okanye uzithethele.

3.Ezilalini

Ufika inkosi ingutata namahlakani ayo ngotata nezibonda zayo uninzi ngotata.

Zontathu ke ezingongoma zingentla zibonakala zizakukhuthazwa yi le Bill yenkundla zazsekhaya.Amalungelo oomama asezakuhlukunyezwa ngolunya ezilalini.

Xa ufuna inxiwa namhlanje uyinkazane awukwazi ukulifumana, lentetho ke ithi ibonies ukuba le Bill mayiwakuthaze amalingelo omama kwizinkundla nendima yabo ibe yebonakalayo.

Izinto ke ezifuna ukuqwalaselwa ngamandla:

1. Azikho izakhono kwinkosi nasentwenina
2. Abazazi nokuba inkonzo nje zifumaneka njani n: lento ke yona sisbeka kuba ngelinye ixesha lomoni kufuneka ancedwe ngo nontlalontle, special experts phambi kokuba avele enkundleni. Angabethwa ke phaya komkhulu.

Okokugqibela:

Kunyanzelekile ukuba abantu balapha ezilalini banikwe ithuba elililo lokuzithethela nabenzi mithetho, le Bill zange kubekho igqubo eza kuthi bantu nje Green paper process apha sinikwa khona injo,kona ukze nibe nomthetho. Singabantu balapha sithi yizani kuthi nalomthetho kwiward zethu.